Isalathiso: 20170630-2535
13/19/3
Imibuzo: MC Hollenbach/MR Martin

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0005/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi boKunika iNkxaso kwiKharityhulam; kuBaphathi beeSekethe, kuBaphathi bezeNgcaciso, uKuphathwa noLwawulo lwaBasebenzi ngoBuchule; kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququelei boVavanyo; kuBacebisi beZifundo nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abaviwa kwimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke *neze AET Level 4*

Isihloko: Uqeqesho olunyanzelekileyo lwazo zonke iinqununu, abagadi babaviwa abaziintloko (*chief invigilators*), abagadi babaviwa abaneqhuzu (*senior invigilators*) namagosa ezithili abathatha inxaxheba ekuqhubeni, ekulawuleni nasekuphatheni iimviwo ze*NSC*, ze*SC* neze-*AET Level 4* ngo-2017/18

1. I-*National Policy on the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate* ngumgaqo-nkqubo ofuna ukuba amaSebe eMfundo amaPhondo makaqinisekise ukuba bonke abagadi babaviwa baqeqeshwe ngokufanelekileyo ukuba baqhube iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*), ezeSatifikethi seMatriki (*SC*) neze-*AET* ngokomgaqo-nkqubo okhoyo njengangoku.

2. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*) liya kuqalisa iprogram yoqeqesho yephondo eya kwenziwa kwiphondo liphela ukususela kwi-21 Agasti 2017 ukuya kwi-17 Septemba 2017 ukuqinisekisa ukuba zonke iinqununu/abaphathi bamaziko, abagadi babaviwa abaziintloko nabagadi babaviwa abaneqhuzu bawo onke amaziko okubhalela iimviwo bafumana uqeqesho olufanelekileyo; ngokungakumbi ekusetyenzisweni kweenkqubo zeemviwo ezintsha eziqaliswe ngenjongo yokuphucula ukhuseleko nentembeko yenkqubo yeemviwo.

Lower Parliament Street, Cape Town, 8001
tel: +27 21 467 2960 fax: +27 21 461 5637
Safe Schools: 0800 45 46 47

Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
www.westerncape.gov.za

3. Ukulungiselela u-2017, **kunyanzelekile** ukuba inqununu/umphathi weziko **(umgadi wabaviwa oyintloko),** amalungu amabini ekomiti yolawulo lwesikolo (*school management team* (*SMT*)), umgadi wabaviwa oneqhuzu kunye namagosa esithili athatha inxaxheba ekuqhubeni, ekulawuleni nasekuphatheni iimviwo ze*NSC, e*ze-*SC* neze-*AET Level 4,* baye kwiseshoni yoqeqesho.

4. Iinqununu/abaphathi bamaziko kunye nee*SMT* zabo baya kunikwa izinto zokuqhuba uqeqesho *(training material)* kwaye kuya kufuneka badlulisele uqeqesho nengcaciso abayifumeneyo kwabanye kuze kwabelwana ngayo kwiiseshoni zoqeqesho zephondo nabanye abagadi babaviwa.

5. Ukuqaliswa kweenkqubo zeemviwo ezintsha zokuhanjiswa kwamaphepha emibuzo oviwo lwe*NSC* nokulawulwa kweencwadi zeempendulo zoviwo kwenza uqeqesho lube lolunyanzelekileyo kuwo onke amaqela achaphazelekayo ukwenzela ukuqinisekisa ukuba kubekho utshintsho olungenazimpazamo xa kutshintshelwa kwinkqubo entsha.

6. Nangona uqeqesho lwalunyanzelekile ngo-2014, ngo-2015 nango-2016, kwaqatshelwa yaye kwenziwa ingxelo ngeqela lezenzo zolwaphulo-mthetho, ezokuziphatha ngendlela engeyiyo nezokunganyiseki kwiimviwo ze*NSC* zango-2016. Oku kukhankanywe apha ngentla kubonisa ngokucacileyo imfuneko yokuqeqeshwa kwabagadi babaviwa neenqununu ukulungiselela iimviwo ze*NCS* zango-2017, iimviwo zokuXabangela ze*NCS* zango-2018 (ngoFebhuwari/Matshi 2018) neemviwo ze*SC* neze-*AET Level 4* zangoJuni ngo-2018.

7. Okuqhotyoshelwe apha **njengesiHlomelo A** nokuthunyelelwayo yishedyuli ebonisa imihla yoqeqesho, amaxesha neendawo zoqeqesho kwisekethe nakwisithili ngasinye. Igosa lesithili, njengoko kubonisiwe kwishedyuli yoqeqesho, liya kuququzelela amalungiselelo okuqhutywa koqeqesho.

8. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

9. Ukukuqonda kwenu ukubaluleka kolu qeqesho kwakunye nentsebenziswano yenu kuya kuthakazelelwa kakhulu.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2017-07-07